










UDaisy Omangalisayo!

Umnikazi wale ncwadi ngu









Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.

UDaisy Omangalisayo!

Written by Nozizwe Herero

Illustrated by Siya Masuku

Designed by Leona Ingram

Translated by Nal'ibali

with the help of the Book Dash participants in Johannesburg on 27 June 2015.

ISBN: 978-1-928377-63-4

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (<http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.

No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.

Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.

No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.






Daisy Omangalisayo!




Nozizwe Herero • Siya Masuku • Leona Ingram








Kudaladala kwifama encinane
eyayikufutshane nelali encinane,
kwakuhlala intshontsho lenkukhu
elibizwa ngokuba nguDaisy.






“Xa ndimdala, ndifuna ukubhabha
ndintingele phezulu esibhakabhakeni,”
kwatsho uDaisy.





Kodwa amanye amantshontsho
asuka amhleka.







“Uyamangalisa ngokuba neminqweno
nezimbo ezingaqhelekanga,” atsho
amanye. “Sobe siphinde sidlale
nawe thina.”






“Daisy, sonke siyakwazi ukubhakuzelisa
amaphiko ethu, kodwa kunzima kakhulu
ukuba iinkukhu zibhabhe,”
uMama watsho xa exelela uDaisy.









Kodwa uDaisy wayengafuni
kuncama.

Yonke imihla wayezama
ukuziqeqesha eyedwa,
abhakuzelise amaphiko akhe.

Bhaku, bhaku, bhaku –
wayebhakuzelisa amaphiko
akhe, kodwa wayengakwazi
ukuntinga asuke emhlabeni.








Xa wayemane ezama,
wayenomfanekiso-ntelekelelo
wakhe ebhabha entingela
phezulu esibhakabhakeni ejonge
amanye amantshontsho
asezantsi emhlabeni.

Wayenomfanekiso wakhe
entingela phezulu, edlula
ezingqabeni asezinkonjaneni.

“Yho!” zazizakuvakala zisitsho
iintaka. “Intshontsho
lenkukhu elibhabhayo!”





Kwaqhubeka ke ... bhaku, bhaku, bhaku –
uDaisy wayebhakuzelisa amaphiko akhe
yonke imihla.





Wayebhabha nje umzuzwana asuke
emhlabeni, kodwa aphinde awele phantsi.






“Soze ndikwazi ukubhabha!” walilela
kuMama uDaisy. “Amanyane mantshontsho
anyanisile.”





“Daisy, wohlukile wena kwamanye
amantshontsho enkukhu. Ona akafuni
kubhabha, kodwa wena uyafuna!
Ungakwazi ukubhabha,” watsho uMama.







Ngosuku olulandelayo uDaisy wakhwela
phezulu, kwihoko yeenkukhu waze –
bhaku, bhaku, bhaku – wabhakuzelisa
amaphiko akhe.

Wabhabhela emoyeni
ebhakuzelisa amaphiko akhe ...


waphindelela ebhakuzelisa
amaphiko akhe ...

waphinda kwakhona wabhakuzelisa
amaphiko akhe waze wayokuwa ...





BAM!





Amanyane amantshontsho
enkukhu amwa ngentsini.

“Ha, ha, ha! Besikuxelele!
Iinkukhu azikwazi
kubhabha!”





Kodwa ngosuku olulandelayo uDaisy
wakhwela wenyukela phezulu
nangakumbi, enkcochoyini karontabile.



Bhaku, bhaku, bhaku –
uDaisy wabhakuzelisa
amaphiko akhe.





Wabhabhela emoyeni ebhakuzelisa
amaphiko akhe ... waphindelela ebhakuzelisa
amaphiko akhe ... waphinda kwakhona
wabhakuzelisa amaphiko akhe waze ...







... tyhini, nanko eqhubeka
ebhabha engawi!

Umoya ophantsi kwamaphiko akhe
waya usanda ngokwanda waze
wamfukulela phezulu ze wabhabha
entinga esiya phezulu nangakumbi!

Iingqabe kunye neenkonjane zathi,
“Saza sawubona umhlola! Nantso
inkukhu ibhabha!”





Ngoku namanye amantshontsho
enkukhu ayenqwenela
ukubhabha njengaye.

Athi, “Owu Daisy,
uyamangalisa!”

